



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2016**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P1  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

---

Le memorandam inamaphepha asi-8.

---

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****Imigaqo yokuMakisha uVavanyo lokuqonda**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Kanti ke ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI noNDIYAVUMELANA/ ANDIVUMELANI. Isizathu/ ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ ukunika ubungqina/ ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyaniswe.
6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini mathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

- 1.1 1.1.1 lindaba zeziphumo zebanga leshumi. ✓ (1)
- 1.1.2 C / Umbuzobuciko. ✓ (1)
- 1.1.3 Singabantu asiyilungiseleli imihla ezayo singabantu bokuqabuka sekophulwe kwizinto zonke ✓✓/ Ukungalisebenzisi ithuba ngexesha lalo. ✓✓ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.1.4 Kukuhlutshwa ziziphumo zaseMpuma Koloni ✓✓/ uhlabane ikhwelo kubafundi nakootitshala. ✓ [Nayiphi na kwezi] (1)
- 1.1.5 Akuvelanga kwaphuma iziphumo kuqale kwaqala unyaka. ✓✓ (2)
- 1.1.6 Lichaza ukuba kudala siyenza le nto ayintshanga ✓✓/ Yinto eqhelekileyo. ✓✓ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.1.7 Masiyekeni ukusola urhulumente ✓ / Abantu abamxhasi urhulumente ✓ Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka. (1)
- 1.1.8 Umntu ngumntu ngabantu. ✓✓ (2)
- 1.1.9 Umntwana womgquba waseMpuma Koloni xa efuna angaliphakamisa eli phondo libe kwelinye izinga. ✓✓ (2)
- 1.1.10 Masisebenze ngomngeni siwoyise. ✓ / masizisombulule iingxaki singatyhafi / Masingoyiki ingxaki koko ibe ngumngeni. [Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)
- 1.1.11 Isikolo nesikolo sinomngeni waso nabantwana ngokunjalo abafani. ✓✓ (2)
- 1.1.12 Abantwana baya esikolweni bengatyanga, amantombazana xa esexesheni akayi esikolweni, ukufundela phantsi kwemithi, ukufundiswa ngesiXhosa kodwa uvavanyo lungesiNgesi. ✓✓ (2)
- 1.1.13 Kulungile kuba ekhaya uza kuzifundela ngokukhululekileyo atsho akhumbule adibanise ulwazi lwakhe nolukatitshala ✓  
Akulunganga abanye abafundi bangabazali banoxanduva lokupheka nokwenza umsebenzi wasekhaya. ✓ (2)
- 1.1.14 Ulindele ukubona nokuva imigushuzo ngenkqubela phambili ezikolweni Iziphumo ezihle nezincumisayo. ✓✓ (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

- 1.2 1.2.1 Indawo yokutyela ✓/ irestyu yakwaWimpy. ✓ (1)  
[Nayiphi na kwezi]
- 1.2.2 Isedolophini kuba uninzi lwalendawo lufumaneka ezidolophini. ✓✓ (2)
- 1.2.3 Iimpundulo ziyakuwa ngokuwa kodwa iimpundulo ezichaneke  
ngqo ziyakwamkeleka. Umzekelo: Uthanda impilo entle /  
Uyikhathalele impilo yakhe. ✓✓ (2)
- 1.2.4 C ✓/ Isebe Lezempilo ✓. (1)  
[Nayiphi na kwezi] (1)
- [30]**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBUZO 2****Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

**Ulwabiwo-manqaku:**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7 (inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10.

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engachapulanga ngqo.**

- 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Mekanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

**Ubalo-magama:**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	<b>IINGONGOMA EZICATSHULWE NJENGOKO ZINJALO.</b>		<b>IINGONGOMA EZINOKUBHALWA NGUMFUNDI.</b>
1.	Utywala sisiyobisi esinamandla esihlisa uxinzelelo ze ulutsha lube sengozi yokusebenzisa utywala ukuzikhupha kuloo ngxaki.	1.	Utywala sisiyobisi esibangela ulutsha lube sengxakini yoxinzelelo
2.	Isithukuthezi nabahlobo nazo zinganendima enkulu eziyidlalayo ekuseleni.	2.	Ukukhupha isithukuthezi uzonwabise ngokusela utywala bubungozi.
3.	Ukungazithembi nako kunegalelo usele phambi kokuya kumatheko athile.	3.	Ukungaqiniseki ngesiqu sakho uqwebe isibindi ngokusela.
4.	Xa lufuna ukuqhankqalaza emakhaya luthatha utywala ukuze lukhululeke lukwazi ukuphika lulwe imithetho yabazali.	4.	Ukungasebenzisani ukhetho ukuphika nokulwa nemithetho yabazali.
5.	Bagaxeleka kulwaphulo-mthetho nobundlobongela kuba ingqondo ayizinzanga baqabuke bezifake kwiimeko ezinobungozi.	5.	Bangena kulwaphulo-mthetho nobundlobongela kuba ingqondo ayimisanga, balibala msinya.
6.	Utywala abukhuthazi xinzelelo kuphela ekuhambeni kwexesha ulutsha lwenze izinto ezinjengokuzibulala.	6.	Ekuhambeni kwethuba kulula ukuba ulutsha luzibulale ngenxa yotywala.
7.	Maninzi amathuba okuxhatshazwa ngesondo kuba akunamandla, ukunxila kolutsha kubandakanya ukukhulelwa nokosulelana ngezifo. (74)	7.	Maninzi amathuba okuxhatshazwa ngesondo uze ube lixhoba lokukhulelwa kunye nezifo xa usele utywala. (62)

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye i-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama azimeleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****Ukumakisha iCandelo C****1. UPELO**

- Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezi zivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
  3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

- 3.1 NguVitamin C. ✓ (1)
  - 3.2 C ✓/ Zu's Body Tone. ✓  
[Nayiphi na kwezi] (1)
  - 3.3 Facebook, Twitter. ✓✓ (2)
  - 3.4 Yenzelwe abalolongi mizimba kuphela. ✓✓ (2)
  - 3.5 Kutsalwa abathengi balibone ilixabiso elincinci njengoko sekutshiwe ukuba lixabiso elingephi, amashumi amabini anesihlanu erandi. ✓✓ (2)
  - 3.6 Yimveliso epasiswe eMzantsi Afrika ✓/ Le jusi yibrand yalapha eMzantsi Afrika. ✓  
[Nayiphi na kwezi] (1)
  - 3.7 Yimveliso ye-orenji. ✓ (1)
- [10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

- 4.1 C ✓/ Tyeko. ✓  
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 4.2 Sichaza uvakalelo lobumnandi bale nto ayityayo. ✓ (1)
- 4.3 Ukungakholelwa / nokumangaliswa. ✓✓ (2)
- 4.4 KwisiNgesi. ✓ (1)
- 4.5 Ithathwe kwiMove. ✓ (1)
- 4.6 ibhega neziselo ezibandayo. ✓✓ (2)
- 4.7 Le phiramidi isemxholweni wale khathuni kuba ifundisa ngendlela ekumele sitya ngayo, inika ulwazi ngempilo. ✓✓ (2)
- [10]**

**UMBUZO 5**

- 5.1 5.1.1 Mfundi. ✓ (1)
- 5.1.2 Bonke✓- isimelabizo soquko. ✓ (2)
- 5.1.3 Emva kwesimelabizo sokwalatha/ isikhombisi iceba liyashiywa. ✓✓ (2)
- 5.1.4 Omtsha – sobunjani✓✓ / ongcono sobunjani. ✓✓  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 5.1.5 C ✓/ Isichazi. ✓  
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 5.1.6 Ndiye ndazixelelisa ukuba ngunyaka omtsha.✓✓ (2)
- 5.1.7 Zama into entsha uthathe wonke amathuba eza kuwe. ✓✓ (2)
- 5.1.8 Umbhali uthe, uyasikhuthaza sithi ewe kumathuba amatsha.  
Uyasikhuthaza sithi ewe kumathuba amatsha, utshilo umbhali. ✓✓ (2)
- 5.2 5.2.1 UMpumelelo / uNompumelelo. ✓ (1)
- 5.2.2 Ndiphumelele ngenxa yeemfundiso zakho titshalakazi / Titshalakazi ndiphumelele ngenxa yeemfundiso zakho. ✓✓ (2)
- 5.2.3 Bonakalisa ubukhomokazi. ✓ (1)
- 5.2.4
- |              |             |
|--------------|-------------|
| Isenzi       | Ixesha      |
| Ndiyabulela. | Langoku. ✓✓ |
- (2)
- [20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**